


## Umniki-nkonzo oChongiweyo (iDSP) wamaYeza eZifo ezoNdeleyo

IMedipost Pharmacy nguMniki-nkonzo oChongiweyo (DSP) wamaYeza eZifo ezoNdeleyo okhethwe nguGEMS ukuba ajongane neemfuno zamalungu kaGEMS zamayeza ezigulo ezondeleyo (kuqukwa namayeza okunyanga iNtsholongwane kaGawulayo). Oku kuthetha ukuba ilungiselelo linesivumelwano salo lodwa kunye noMedipost Pharmacy ukuze anikezele ngamayeza ezigulo ezondeleyo kumalungu akumacandelo e-Sapphire, e-Beryl, e-Ruby, e-Emerald nele-Onyx.

I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo inika amalungu uluhlu lwezibonelelo, njengamaxabiso afikelelekayo, ukuhanjiswa kwamayeza okuluncedo kwidilesi yasekhaya, emsebenzini okanye yaxa useholideyini kunye nengcebiso yezonyango malunga nokusetyenziswa kwamayeza ezigulo ezondeleyo.

I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iphatha zonke iinkcukacha ngesigulana kunye neemfuno zaso zamayeza “ngokusemfihlakalweni engqongqo”. Amalungu angafowunela iikhemesti ezilungeleyo zeDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ukuze abuze imibuzo malunga namayeza awo ezigulo ezondeleyo.

I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo izinikele kowona mgangatho uphakamileyo wokuziphatha kakuhle kwaye ithobela imiGaqo yeLungiselelo nayo yonke imithetho elawula ishishini lezamayeza.

# Yintoni amayeza ezigulo ezondeleyo?



**Amayeza ezigulo ezondeleyo aquka:**

- Amayeza ezigulo ezisongela ubomi, umzekelo, isifo seswekile, uxinzelelo lwegazi oluphakamileyo, iNtsholongwane kaGawulayo, njl.njl.;
- Amayeza asetyenziswa unaphakade ukunyanga izigulo ezingapheliyo ezikhubazayo nezichaphazela kakhulu intsebenzo kunye nobulunga bobomi;
  kwakunye
- Namayeza ahlawulelwa ngaphantsi koluhlu lweMiyinge yeZibonelelo eziYalelweyo (PMB) kaGEMS kunye nezibonelelo zezigulo ezondeleyo.

Ukuba ugqirha wakho uyalela amayeza ekumele uwasebenzise nakweyiphi na kwezi meko zichazwe ngentla, kumele wenze isicelo sokubhaliswa kwiNkqubo kaGEMS yamaYeza eziGulo ezoNdeleyo. Oku kuthetha ukuba amayeza (ukuba avunyiwe) ayakuhlawulelwa kwisibonelelo sakho samayeza ezigulo ezondeleyo, hayi kwesamayeza exeshana. Oku kuya kuqinisekisa ukuba ugcina imali ekhoyo yamayeza exeshana – la ngamayeza afuneka kuphela ixesha elifutshane.

**Ingaba ndisenza njani isicelo kwinkqubo yesibonelelo samayeza ezigulo ezondeleyo?**

- Ukuze ufumane amayeza ezigulo ezondeleyo, fowunela uGEMS ku-0860 00 4367 uze ucele ifomu yesicelo samayeza ezigulo ezondeleyo okanye uyikhuphele kwa-www.gems.gov.za (yiya kwimenyu ‘yaMalungu’ uze ucofe ‘iiFomu’). Ungayicela le fomu kweyona Ofisi kaGEMS yeNgingqi ikufuphi kuwe.

Amalungu adinga unyango lweNtsholongwane kunye nesifo sikaGawulayo kumele kuqala abhalise kwiNkqubo yoLawulo lweSifo sikaGawulayo yeGEMS (DMP). Ukuze ubhalise, fowunela i-Aid for AIDS (AfA) - abaphathi beDMP yeNtsholongwane/yeSifo sikaGawulayo - ku-0860 100 646 uze ucele ifomu yesicelo yolawulo lwesifo seNtsholongwane kaGawulayo. Unakho nokuyikhuphela le fomu kwa-www.gems.gov.za (yiya kwimenyu ‘yaMalungu’ uze ucofe ‘iiFomu’). Xa seyigcwalisiwe, nguwe nogqirha wakho, yifeksele kwinombolo esimahla nesemfihlakalweni, ku-0800 600 773. Ugqirha wakho naye angakubhalisa kwiDMP yeNtsholongwane kaGawulayo ngokufowunela ku-0800 22 7700.



- Ilungu ngalinye okanye umxhamli ngamnye oxhomekekileyo kwimedikhali eyidi yakho nodinga amayeza ezigulo ezondeleyo kumele agcwalise ifomu yesicelo eyahlukileyo. Kudingeka ukuba ugcwalise le fomu yesicelo kube kanye kuphela ngelungu ngalinye okanye ngomxhamli oxhomekekileyo ngamnye, nokuba ekuhambeni kwexesha ufunyaniswa enesinye isigulo esondeleyo.
- Ugqirha wakho okunyangayo kumele agcwalise icandelo kule fomu ngokucace njengoko kubonisiwe.
- Ukuba uphantsi kwecandelo le-Sapphire okanye le-Beryl, ugqirha obhala iphepha lakho lamayeza kumele abe kuluhlu loogqirha loThungelwano lukaGEMS (iLungiselelo limisele izivumelwano neeGP, nooSokhemesti, noogqirha bamazinyo kunye nabamehlo abathile kwaye eliqela labaniki-nkonzo bonakekelo lwempilo kuthiwa luThungelwano lukaGEMS - aba baniki-nkonzo baya kubonisa uphawu “loThungelwano lukaGEMS” kwiifestile okanye kwiingcango zabo.)
- Qinisekisa ukuba isicelo sakho sigcwaliswe ngokupheleleyo kwaye sisayinwe nguwe nangugqirha wakho.
- Isicelo sakho kumele siquke iphepha lamayeza likagqirha eliphindwa iinyanga ezintandathu nelihambelana naso.
- Feksela le fomu igcwalisiweyo kunye nephepha lamayeza likagqirha ku-086 651 8009 ukuze linikwe ingqwalasela.
- Siya kuthi ke ngoko sihlaziye isicelo sakho. Siya kuthi sisijonge sisebenzisa iMigaqo yeLungiselelo ukuze sibone ukuba ingaba siya kuwahlawulela na amayeza.
- Ukuba isicelo sakho sivunyiwe, uya kufumana iKhadi lokuFikelela emaYezeni, elidwelisa la mayeza avunyiweyo ukuba ahlawulelwe ngesibonelelo sakho samayeza ezigulo ezondeleyo.
- Ukuba amayeza ekuvunyiweyo ukuba aza kuhlawulelwa ahlukile kumayeza ayalelwe ngugqirha wakho, siya kuncamathisela ileta kwiKhadi lakho lokuFikelela emaYezeni neya kuchaza izizathu zoku. Siya kuthumela ikopi yale leta kugqirha wakho oyalele la mayeza.
- Ukuba isicelo samayeza ezigulo ezondeleyo asivunywanga, wena nogqirha wakho niyakufumana iileta ezichaza esi sigqibo.
- Kumele ufeksele iphepha lomyalelo wamayeza elitsha kwa-0866 51 8009 rhoqo kwiinyanga ezintandathu ukuqinisekisa ukuba uya kuhlala uwafumana amayeza akho.

# Indlela yokufumana amayeza akho ezigulo ezondeleyo kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo



**Ukuba ungumsebenzisi oqalayo wamayeza ezigulo ezondeleyo:**
Nceda ufekse ifomu yakho egcwalisiweyo kaGEMS yesicelo sesibonelelo samayeza ezigulo ezondeleyo, amaxwebhu ayixhasayo kunye nephepha likagqirha lamayeza aphindwa iinyanga ezintandathu ku-086 651 8009. Iifomu zonyango lweNtsholongwane kaGawulayo ezigcwalisiweyo kumele zifekselwe ku-0800 600 733 namaphepha kagqirha amayeza ku-0866 51 8009.

Isicelo sakho siya kuhlolwa uze ufumane iSMS ekuqinisekisa ukuba isicelo sakho siyahlolwa. Kwakube kugqityiwe ukuhlolwa, uya kufumana ileta evela kwiSebe loNakekelo lweMpilo oluLawulwayo malunga nesiphumo sesicelo sakho. Ukuba isicelo sakho sivunyiwe ukuba sihlawulelwe kwisibonelelo samayeza ezigulo ezondeleyo, iDSP yaMayeza eziGulo ezoNdeleyo iyakuthi ke ngoko ibhalise iinkcukacha zakho.

**Ukuba sele ubhalisele izibonelelo zamayeza ezigulo ezondeleyo kwaye ungathanda ukutshintsha ugunyaziso lwamayeza akho ezigulo ezondeleyo:**
Nceda ufeksele iphepha likagqirha lamayeza elitsha kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo **ku-086 51 8009** (inombolo yakho yobulungu okanye inombolo yeprofayili yeDSP yamaYeza eziGulo ezoNdeleyo kunye neenkcukacha zakho zoqhagamshelwano kumele zichazwe ngokucacileyo). Sakube sifumene iphepha lakho elitsha lamayeza aphindwayo, siya kukuthumela isiqinisekiso sokufunyanwa kwephepha lamayeza ngeSMS. Siya kuthi kengoko siququzelele inkqubo yokutshintsha ugunyaziso lwakho olukhoyo lwamayeza ezigulo ezondeleyo kunye neSebe loNakekelo lweMpilo oluLawulwayo.

# Kungathini ukuba...



### 1. Kukho iinguqu kwiimfuno zam zamayeza ezigulo ezondeleyo kwinyanga ethile?

Ukuba akukho sidingo sokuba ufumane amayeza athile ngenyanga ethile, nceda uchazele iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngokugcwalisa ifomu kaGEMS yeenguqu yeemfuno zokuhanjiswa kwamayeza ezigulo ezondeleyo, onokuyikhuphela kwa-www.gems.gov.za ngaphantsi "kweeFomu" okanye uyifumane ngokufowunela ku-0860 00 4367.

Ifomu yakho egcwalisiweyo kumele ifike kwiDSP yamaYeza eZigulo ezoNdeleyo kwiintsuku zomsebenzi ezintlanu ngaphambi kokuhanjiswa kwamayeza okulandelayo. Ungangenisa isicelo sakho ngokuthi:

**Usi-imeyile:** kwa-chronicdsp@gems.gov.za

**Usifeksele:** kwa-0866 51 8009

**Okanye uposele ileta kwa:** Medipost (GEMS Chronic DSP), Postnet Suite 43, Private Bag X1, Queenswood, 0121

### 2. Ndisebenzisa ikhemesti yam yasekuhlani, endaweni kaMedipost, ukuze ndifumane amayeza ezigulo ezondeleyo?

U-GEMS uhlawula ukuya kuma kwi-100% ngamayeza ezigulo ezondeleyo ukuba afunyanwa kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo. Kodwa ke, ukuba ukhetha ukufumana amayeza akho kwindawo engeyoDSP, njengekhemesti yakho yasekuhlaleni okanye ugqirha wakho, kuya kufuneka uhlawule i-30% ngaphambili yokuncedisana ngentlawulo kwangaphambili kule ndawo.

### 3. Ndifumana amayeza am kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo kodwa bacela ndihlawule imali yokuncedisana ngentlawulo ngamayeza ezigulo ezondeleyo?

Nangona uGEMS eza kuhlawula ukuya kuma kwi-100% ngamayeza ezigulo ezondeleyo ukuba uwafumana kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo, kungafuneka uhlawule intlawulo yokuncedisana kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ukuba amayeza akho akakho kuxwebhu lweLungiselelo lwamayeza avunyiwe lwecandelo lakho okanye ukuba ukhetha amayeza adulu kunexabiso lokwalathisa elikuluhlu lweLungiselelo lwamaxabiso amayeza (iMPL).

# Kungathini ukuba...



U-GEMS akabizi ntlawulo yalawulo ngokusebenza nokukhupha amaphepha kagqirha amayeza abhelelwe amayeza aveziweyo kuluhlu lwamayeza avunyiweyo asebenza kwicandelo lakho, xa efunyenwe kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo. Kubalulekile ukukhumbula ukuba ukufumana amayeza akho kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo nokukhetha amayeza akuluhlu lwamayeza avunyiweyo nakwimida yeMPL kuya kunceda wonge imali nexesha, kwaye kwenza nezibonelelo zakho zamayeza ezigulo ezondeleyo zihlale ixesha elide. Ungayifumana inkonzo yokukhangela iMPL yeLungiselelo kunye noXwebhu lwamaYeza aVunyiweyo kwa-www.gems.gov.za ngaphantsi kwemenyu 'ye-ICD-10 Code/kweNkonzo yokuKhangela uXwebhu lwamaYeza aVunyiweyo'.

### 4. Ugqirha wam utshintsha amayeza am phakathi enyangeni?

Ukuba ugqirha wakho utshintsha uhlobo, ubukhali okanye ithamo leyeza lakho lesigulo esondeleyo, kumele ufeksele iphepha elitsha likagqirha lamayeza ku-0866 51 8009 kwakamsinyane. I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo kumele ifumane iphepha likagqirha lamayeza elitsha ngaphambi kokuba ikunike izinto ezintsha. Kukwafuneka ufowunele iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ku-0860 00 4367 ukuze ubazise ngale nguqu ingxamisekileyo kumayeza akho. Ngamalungu e-Sapphire ne-Beryl, amaphepha enu kagqirha amayeza amatsha kumele abhalwe ngugqirha ophantsi koThungelwano lweGEMS. Ukuze ufumane umboneleli woThungelwano lukaGEMS, sifowunele ku-0860 00 4367 okanye utyelele iwebhusayithi kwa-www.gems.gov.za. USokhemesti weDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo uya kuqinisekisa ukuba isicelo sokutshintsha ugunyaziso lwakho olukhoyo lwamayeza ezigulo ezondeleyo singeniswa kwiSebe loNakekelo lweMpilo oluLawulwayo ukuze sihlolwe. Ukuba utshintsho luvunyiwe liSebe loNakekelo lweMpilo oluLawulwayo, iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iyakuqhagamshelana nawe ukuze:

- Ikuchazele ngala mayeza matsha (iziphumo ezibi eziwadalayo, indlela yokuwasebenzisa, njl.njl.)
- Ikucebise ngokusetyenziswa kwamanye amayeza aqhelekileyo endaweni yala ize ifumane imvume kuwe yokukunika wona.
- Ikuchazele ngezizathu zokuncedisana ngentlawulo okuya kwenzeka kugunyaziso lwamayeza akho.
- Ilungiselele umhla wokuhambisa amayeza amatsha okufaneleyo.
- Ikuphendule nayiphi na imibuzo onayo malunga nokuhanjiswa kwamayeza akho esigulo esondeleyo.

# Kungathini ukuba...



Nceda uqaphele ukuba iSebe loNakekelo lweMpilo oluLawulwayo lithatha ukuya kuma kwiintsuku ezintlanu ukusebenza ngezicelo zeenguqu.

### 5. Ugqirha wam okanye usokhemesti wam undikhuthaza ukuba ndisebenzise amayeza aqhelekileyo?

Amayeza esiqhelo aqulathe ngqo ezi zithako zinye zisebenzayo ngamandla afanayo nala emveliso yoqobo enegama, kodwa abiza ngaphantsi kunayo. Ngokusebenzisa amayeza esiqhelo, izibonelelo zakho zamayeza ziya kuhlala ixesha elide. Ngokomthetho, luxanduva lukasokhemesti ukukufundisa ngobukho bamayeza esiqhelo.

Khumbula: amayeza ekukho amanye esiqhelo natshipu kunawo aboniswe ne-asterisk (*) ecaleni kwawo kwikhadi lakho lokufikelela kumayeza ezigulo ezondeleyo.

Oku kuthetha ukuba usokhemesti wakho okhupha amayeza uya kukubuza ukuba ingaba ufuna ukusebenzisa amanye amayeza esiqhelo atshipu kunawoqobo na ngento nganye ekuboniswe i-asterisk ecaleni kwayo. Ukuba uyavuma usokhemesti wakho akhuphe iyeza eliqhelekileyo elitshiphu, awusayi kuncedisana ngentlawulo yeMPL, nje ukuba eli yeza liqhelekileyo lihambelana nexabiso lokwalathisa leLungiselelo.

### 6. Ndifuna amayeza angekho kuxwebhu lwamayeza avunyiweyo enzelwe icandelo lam okanye angasondelanga kwixabiso elalathisiweyo kwiMPL?

Kungenzeka ukuba amayeza ayalelwe ngugqirha wakho angangabonakali kuxwebhu lukaGEMS lwamayeza ezigulo ezondeleyo avunyiweyo nelisebenza kwicandelo lakho.

Ukuba awukwazi, okanye ukhetha ukungasebenzisi iyeza elikuxwebhu lwamayeza avunyiweyo, kuya kufuneka uncedise ngentlawulo ngalo nto (iya kuba yipesenti yexabiso leyeza elingekho kuxwebhu lwamayeza avunyiweyo) okanye uzihlawulele ngepokotho yakho.

Ukuba awukwazi okanye ukhetha ukungasebenzisi iyeza elikuxwebhu lwamayeza avunyiweyo libe likhona, kuya kufuneka uncedise ngentlawulo ngelo yeza. Imali yokuncedisa ngentlawulo iyakuba ngumehluko phakathi kwexabiso elalathisiweyo kwiMPL yeLungiselelo kunye nexabiso lalento eliyalelweyo. Ezinye iinkcukacha zokuncedisa ngentlawulo okusetyenziswa kwicandelo lakho zifumaneka ekupheleni kwesi sikhokelo phantsi kwecandelo elithi “Izalathiso eziKhawulezileyo”.

# Kungathini ukuba...



Okubalulekileyo: Nceda uqinisekise ukuba iintlawulo zenziwe kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngaphambi kokuba kumiselwe ukuhanjiswa kwepasile yakho yamayeza alandelayo.

I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iya kuthumela izikhumbuzo zeSMS malunga nentlawulo efunekayo emva kokuba amayeza akho ethunyelwe. Ukuba usenetyala kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngeli xesha kumiselwa ukuhanjiswa kwepasile yakho yamayeza alandelayo, kuya kuqhagamshelwana nawe uze ukhunjuzwe malunga nentlawulo engekenziwa. Ukuba utyala iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo, amayeza afuna uncedise ngentlawulo asenokubanjwa de wenze lo ntlawulo.

Ukuba unentlawulo encedisayo kumayeza akho ezigulo ezondeleyo, ungayihlawula iakhawunti yakho yeDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngenye yezi ndlela zilandelayo:

### a. Ukugqithiswa kwemali ngomatshini okanye idipozithi ethe ngqo kwi-akhwunti yeDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo.

Le yeyona ndlela ikhethwayo yokugqibezela intlawulo yakho yokuncedisa. Iinkcukacha zebhanki zeDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo zikwingxelo ye-akhawunti yakho eza namayeza akho. Unakho nokusifowunela ku-08600 00 4367 ukuze ucele iinkcukacha zebhanka. Kuza kufuneka ufekse isliphu sokudipozitha esibonisa ubungqina bentlawulo ku-086 651 8009. Nceda uchaze inombolo yakho yobulungu okanye inombolo yeprofayili yeMedipost kwisliphu sedipozithi njengesalathiso.

### b. Ikhredithi khadi

Ngonaniselwano lwekhredithi khadi, kuza kufuneka ugcwalise ifomu enokukhutshelwa kwa-www.medipost.co.za.

Wakube unike iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo le fomu, esebenza njengogunyaziso olusayiniweyo lonaniselwano ngekhredithi khadi, iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iya kusebenza ngolu naniselwano ngomhla amayeza akho ethunyelwa kuwe. Uya kukwazi ukuhlola lonke unaniselwano lweentlawulo zamayeza ezigulo ezondeleyo kwiingxelo zakho ze-akhawunti ezifakwe kwiipasile zakho zamayeza ezilandelayo. Ukuba awufuni siqhubeke nolunye unaniselwano lwekhredithi khadi, kuya kufuneka usibhalele usinike isilumkiso senyanga enye sokunqanda unaniselwano. Kodwa ke, ukuba usatyala iDSP yamayeza

# Kungathini ukuba...



ezigulo ezondeleyo imali xa unikezela isilumkiso sokurhoxisa iintlawulo zakho zekhredithi khadi, kuya kufuneka wenze amanye amalungiselelo entlawulo okugqibezela le mali.

### c. I-Debit order

Ngonaniselwano lwe-debit order, kuza kufuneka ugcwalise ifomu enokukhutshelwa kwa-www.medipost.co.za. Kungenjalo, ungacela ifomu ngokuthi:

**Usi-imeyilele:** kwa-chronicdsp@gems.gov.za
**Usifeksele:** kwa-0866 51 8009
**Usifowunele:** ku-0860 00 4367
**Okanye uposele ileta kwa:** (GEMS Chronic DSP), Postnet Suite 43, Private Bag X1, Queenswood, 0121

Wakube unike iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo le fomu, esebenza njengogunyaziso olusayiniweyo lonaniselwano lwe-debit order, iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iya kusebenza ngolu naniselwano ngomhla obonisiweyo (ngomhla we-15 okanye ngomhla wokugqibela enyangeni).

Ukuba awufuni siqhubeke nolunye unaniselwano lwedebit order, kuya kufuneka usibhalele usinike isilumkiso senyanga enye sokunqanda unaniselwano. Kodwa ke, ukuba usatyala iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo imali xa urhoxisa iintlawulo ze-debit order, kuya kufuneka wenze amanye amalungiselelo entlawulo okugqibezela le mali.

### d. I-EasyPay / Pay@

Ungayihlawula i-akhawunti yakho yeDSP yamayeza kwintlaninge yeevenkile ze-EasyPay / Pay@ kuzwelonke. Ezi ndawo ziquka uShoprite, uCheckers, uSpar, uWoolworths kunye nezinye iivenkile apho kuboniswe uphawu lwe-EasyPay / Pay@.

Qinisekisa ukuba uneleta yeDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo yokuhambisa ipasile yakho yamayeza kuba kukho ikhowudi ethile kolu xwebhu ekumele ibhalwe phantsi xa uhlawula. Usozimali osethilini uyakukunika islipu sasethilini esibubungqina bentlawulo yakho ukuze usigcine kwiifayile zakho. Akukho mfuneko yokuba ufeksele ubungqina bentlawulo kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo, ngaphandle kokuba siye sakucela ngokwethu.

# Kungathini ukuba...



### 7. Amalungiselelo am entlawulo yokuncedisa akaphumeleli / iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ayiyifumenanga intlawulo yam?

Ukuba amalungiselelo entlawulo ekuvunyelwene ngawo ngaphambili kunye neDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo awaphumelelanga (umz. akukho mali yaneleyo kwi-akhawunti yakho yebhanka okanye imali emiselweyo kwikhredithi khadi yakho sekufikelelwe kuyo ngeli xesha lolu naniselwano), kuya kufuneka uhlawule iimali ezibizwa yibhanka kwaye iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iya kuqhagamshelana nawe ukwenza amanye amalungiselelo entlawulo. Kwaye kusenokufuneka uhlawule iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo kwangaphambili kwixesha elizayo ukuze uqinisekise ukuba amayeza akho ahanjiswa kwangexesha kwixesha elizayo.

### 8. Isibonelelo sam sonyaka samayeza ezigulo ezondeleyo siphelile?

Apha ekupheleni konyaka, imali esikelwe isibonelelo sakho samayeza ezigulo ezondeleyo ngamayeza angenaPMB ingaphela. Ukuba oku kungenzeka, ungaqhubeka nokufumana amayeza akho kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngokuwahlawulela imali. Nceda ujonge iindlela zokwenza iintlawulo phantsi koNombolo 6.

### 9. U-GEMS ukhaba ibango lam ngezinye izizathu ezingezizo ezokuba isibonelelo sam samayeza ezigulo ezondeleyo siphelile?

Ibango lakho lamayeza lingakhatywa nguGEMS ngentlaninge yezizathu, ezifana neengxaki zobulungu kunye nemimiselo yogunyaziso lwamayeza ezigulo ezondeleyo.

Igcisa liya kuphononongа isizathu sokukhatywa, likuchazele ingxaki kwaye liya kwenza ilinge lokukunceda uyisombulule loo ngxaki. Nceda uqhagamshelane nathi ku-0860 00 4367 ukuba uneminye imibuzo onayo.

# Imibuzo ebuzwa rhoqo



### 1. Ingaba iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo kufuneka ndiyinike amaphepha amayeza aphindwayo kangaphi?

Njengakuyo nayiphi na ikhemesti, kufuneka unike iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ikopi eyiyo yephepha likagqirha lamayeza loqobo ngaphambi kokuba sikunike amayeza akho. Lo ngummiselo wezomthetho. Ngokomthetho, iphepha likagqirha lamayeza eliphindwayo lisebenza izihlandlo ezingadlulanga kuphindo oluchaziweyo kwaye lisebenza ukusukela ngomhla olapha kwiphepha likagqirha lamayeza. Iphepha likagqirha lamayeza alinakuphindwa ngaphezu kweenyanga ezintandathu. I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iya kukhumbuza (ngembalelwano nangeSMS okanye ngefowuni) ukuba uyinike iphepha likagqirha lamayeza elitsha elivela kugqirha wakho kwinyanga enye ngaphambi kokuba bakuthumele amayeza akho aphindwayo okugqibela nakwinyanga enye emva koko. I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ayikwazi kuthumela amanye amayeza de ifumane iphepha lakho likagqirha lamayeza amatsha.

Khumbula: Amalungu e-Sapphire ne-Beryl kumele asinike amaphepha kagqirha amayeza amatsha abhalwe ngugqirha ophantsi koThungelwano lweGEMS.

### 2. Ingaba amayeza am ayakuhanjiswa phi?

Ipasile yakho yamayeza ingahanjiswa emsebenzini, ekhaya okanye kwidilesi yaseholideyini. Ukuhanjiswa kwawo kusimahla kwaye kwenzeka phakathi kwe-08h00 neyesi-17h00 phakathi evekini.

Kumele kubekho umntu osemagunyeni okusayinela amayeza xa ungekho. Qinisekisa ukuba unikezela ngeenkcukacha zalo mntu ugunyazisiweyo kwi-arhente yeDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo.

### 3. Ndiza kwazi njani ukuba amayeza am ahanjisiwe?

Uya kufumana iSMS enenombolo yomkhondo wepasile yakho. Ukuba awunaselfowuni okanye ukuba iSMS ayiphumelelanga ukufika efowunini yakho, igcisa lakwaGEMS liya kuqhagamshelana nawe likunike inombolo yokulandela umkhondo wepasile.

Nceda uqinisekise ukuba iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo inezona nkcukacha zamvanje kwiifayile zabo ngamaxesha onke.

Ungaqhagamshelana neDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ku-0860 00 4367 ukuze uhlaziye iinkcukacha zakho. Wena, okanye



Io mntu ufumana ipasile, kungafuneka niveze isazisi kwaye nisayinele ukufumana le pasile kwikhuriye.

### 4. Ndiza kwazi njani ukuba zeziphi izinto ezilandelayo endizakuzifumana nokuba ndiyilindele nini ipasile?

Ipasile nganye ihamba nephepha lokuhambisa eliya kuchaza:

- Izinto ezisefayilini nezizakuhanjiswa kwisihlandlo esilandelayo;
- Inani lokuphinda elisekhoyo ngento nganye;
- Idilesi yokuhambisa amayeza:
- Umhla le pasile ilandelayo ezakufumaneka ngawo ukuze ihanjiswe okanye ilandwe;
- Iindleko zamayeza ezifakelwe ibango kuGEMS egameni lakho yiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo; kunye
- Nayo nayiphi na imali oyityala iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo.

### 5. Ingaba iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo iqinisekisa njani ukuba izinto ezibandayo zigcinwa zibanda?

Iipasile eziqulathe izinto ezigcinwa zibanda njengeinsulin, zipakishwa zize zihanjiswe ngo-17h00 mihla le. Ipasile iphawulwe ukuba “Isefrijini kwaye iYophuka” kwaye ithunyelwa neepakethe zomkhence ukuze kugcinwe iimeko ezichanekileyo zikavimba obandayo. Igcisa liya kuqhagamshelana nawe ngosuku olulandelayo emva kokuhanjiswa kwamayeza ukuqinisekisa ukuba uyifumene ipasile.

### 6. Ingaba kukhuseleke kangakanani ukuthumela amayeza am ngekhuriya?

Onke amayeza athandelwa ngento yokukhusela ukuqinsekisa ukuba akonakali ngeli xa ethuthwa. Izinto eziqhele ukuba kwizinkonkxi ezophukayo zifakwa kwizinkonkxi zeplastiki kwaye zilebhulishwe ngokufaneleyo. Iipasile zithunyelwa ngenkonzo yekhuriya yasebusuku kwaye ipasile nganye inikwa inombolo eyodwa yomkhondo ukuze kube nokulandelwa umkhondo wayo ifunyanwe lula.

### 7. Ingaba iinkcukacha zam ziphathwa ngokuyimfihlo?

I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo izinikele ekugcineni iinkcukacha zakho zokobuqu nezonyango (kuqukwa nonyango lweNtsholongwane kaGawulayo) zisemfihlakalweni.

Xa kuthethwa nawe efowunini, kuya kwenziwa izinto ezithile zokuhlola ukuba semfihlakalweni ukuqinisekisa ukuba iDSP yamayeza ezigulo ezondelyo ithetha nomntu



ochanekileyo. Zonke iipasile zithandelwe ngeepakethe ezingabonisiyo kwaye iziqulatho azibonakali de ipakethe ivulwe.

### 8. Ingaba kulula ukutshintsha idilesi yam yokuhambisa?

Nceda wazise iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo kwiintsuku zomsebenzi ezintlanu ubuncinane ngaphambi kokuhanjiswa kwamayeza okulandelayo ukuba awusayi kuba kwidilesi echazwe kwileta yokuhambisa yamvanje ixesha elithile, umzekelo, ukuba uya eholideyini. Ungachazela iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngokufowunela ku-0860 00 4367. Unakho nokugcwalisa ifomu kaGEMS yeenguqu yeemfuno zokuhanjiswa kwamayeza ezigulo ezondeleyo, onokuyikhuphela kwa-www.gems.gov.za ngaphantsi “kweeFomu” okanye uyifumane ngokufowunela ku-0860 00 4367.

Nceda ubuyisele le fomu kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngokuthi:

**Uyi-imeyile:** kwa-chronicdsp@gems.gov.za

**Uyifeksele:** kwa-0866 51 8009

**Okanye uposele ileta kwa: Medipost,** GEMS Chronic DSP, Postnet Suite 43, Private Bag X1, Queenswood, 0121

### 9. Ingaba ndingakwazi ukufumana amayeza angaphezu kwawenyanga enye ukuba ndiza kuphuma ndiye kumazwe angaphandle?

Ngokwemigaqo yeLungiselelo, iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ingakunika amanye amayeza ukuba uyaphuma kweli ngezizathu zokwenza umsebenzi. Ukuvunywa kwamanye amayeza kumele kuhambelane neMigaqo yeLungiselelo, imimiselo kunye nokugcwaliswa kwamaxwebhu amiselweyo. Nceda uqhagamshele u-0860 00 4367 ngenkcazelo ethe vetshe.

### 10. Yintoni imimiselo yokuhanjiswa kwamayeza esiCwangiso 6 okanye 7?

Amayeza esiCwangciso 6 okanye 7 ngawo onke amayeza adweliswe kwisiCwangciso 6 okanye 7 soMthetho woLawulo lwamaYeza kunye neZinto eZimayelena nawo.

Ukuba awuqinisekanga ukuba ingaba iyeza lakho liyeza lesiCwangciso 6 okanye 7 kusini na, buza ugqirha wakho. Ngokomthetho, onke amaphepha kagqirha amayeza ngamayeza esiCwangciso 6 okanye 7 kumele alandele le migaqo:

- Iphepha likagqirha lamayeza kumele libhalwe ngugqirha kwilethahed/kwincwadana yokubhala amayeza kagqirha;

# Imibuzo ebuzwa rhoqo



- Iphepha likagqirha lamayeza lisebenza iintsuku ezingama-30 ukusukela ngalo mhla ubhalwe kulo;
- Umlinganiselo wemveliso ezakunikezelwa kumele ibhalwe ngamagama nangamanani;
- Igama lesigulane kunye nedilesi ohlala kuyo kumele ziqukwe;
- Iphepha lamayeza kumele lisayinwe ngugqirha;
- Ngumlinganiselo weentsuku ezingama-30 kuphela wemveliso ekumele inikwe isigulane rhoqo kwixesha leentsuku ezingama-28;
- I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ingakunika amayeza akho kuphela kwakufunyanwa iphepha likagqirha lamayeza loqobo. Kumele upose iphepha likagqirha lamayeza loqobo rhoqo ngenyanga liye kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo - uqinisekise ukuba liya kufika kwangexesha nokuba ungalandela inkqubela yolu xwebhu ukusuka ekuposweni kwalo de luye kufika kwiDSP.
- Akusayi kwamkelwa iikopi okanye iifeksi zamaphepha kagqirha amayeza.
- I-DSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ingakunika amayeza akho kuphela kwakufunyanwa iphepha likagqirha lamayeza loqobo elisebenzayo.
- Igcisa leDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo liya kuqhagamshelana nawe ukuze likuchazele ngenkqubo yokukhutshwa kwamayeza esiCwangciso 6 okanye 7 wakube ugunyazisiwe ukuba ufumane la mayeza kwisibonelelo sakho samayeza ezigulo ezondeleyo.

Ibhokisi yeposi iS6 eyenzelwe amaphepha kagqirha amayeza esiCwangciso 6 okanye 7: **Posela amaphepha kagqirha e-S6, aphawulwe ngokucacileyo, kwa:** GEMS Chronic DSP, PO Box 14503.Hatfield, 0028.

### 11. Kuza kuthini ukuba andifumaneki kule ndawo yokuhambisa amayeza kuvunyelwene ngayo ukuze ndisayinele amayeza avela kwikhuriya.

Ikhuriya iya kuzama ukukufumana apho ukhoyo. Ukuba iinkcukacha zoqhagamshelwano azichanekanga okanye ikhuriya ayikwazi ukukufumana iya kubuyisela amayeza kwiDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo.

Ngoko kubaluleke kakhulu ukuba iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo izazi ncam iinkcukacha zakho.

Igcisa liya kuqhagamshelana nawe ukuze lifumanise ukuba kutheni amayeza ebuyisiwe. Uyakuthi ke ngoko wenze amanye amalungiselelo okuba amayeza akho aphinde ahanjiswe.



Ukuba amayeza akho aphinde abuyiswa okwesibini ngokulandelelanayo, kuya kuyekwa ukuhanjiswa kwamayeza akho de uqhagamshelane neDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ukuze uqinisekise ukuba ufuna ukuwafumana amayeza. Kubalulekile ukuba uvumelane neDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ngedilesi ekusebenzelayo apho amayeza anokuhanjiswa khona aze asayinelwe.

**12. Kumele ndenze ntoni xa ndingasadingi ukuthatha amayeza am esigulo esondeleyo kwakhona?**

Ukuba wena nogqirha wakho nivumelene ukuba awusawadingi amayeza akho esigulo esondeleyo kwakhona, nceda uqhagamshelane neDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo ukuze iSebe loNakekelo lweMpilo oluLawulwayo lilungiselele inkqubo yokunqumamisa ugunyaziso lwakho lwamayeza ezigulo ezondeleyo. Ugunyaziso lwakho lungaphinda luvuselelwe nanini na kwixesha elizayo ngaphandle kokuphinda wenze isicelo sokufikelela kwinkqubo yesibonelelo samayeza ezigulo ezondeleyo.

**13. Ndiceba ukuyeka kuGEMS. Ingaba oku kunafuthe lini kukuhanjiswa kwamayeza yiDSP yamaYeza eZigulo ezoNdeleyo?**

Nceda uchazele iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo kwinyanga enye ngaphambi kokuba uyeke kwiLungiselelo ukuze kuyekiswe ukuhanjiswa kwamayeza akho ezigulo ezondeleyo kwanyanga le. Oku kubalulekile kuba iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo akumelanga ihambise amayeza azakuba ngaphandle kweli xesha lokubhalisa. Ukuba oku kuyenzeka, iLungiselelo liya kuhlawula iDSP yamayeza ezigulo ezondeleyo, ngokuxhomekeke kwiMigaqo yeLungiselelo.

# Isikhokelo Sokwalathisa Ngokukhawulezayo

| Inkcukacha | I-Sapphire, i-Beryl | I-Ruby, i-Emerald, i-Onyx |
|---|---|---|
| Inombolo yefowuni | 0860 00 4367 | |
| Inombolo yefeksi | 0866 51 8009 | |
| Idilesi ye-Imeyili | kwa-chronicdsp@gems.gov.za | |
| Idilesi yeposi (akuqukwa amaphepha kagqirha amayeza esiCwangciso 6/7) | Medipost, GEMS Chronic DSP, Postnet Suite 43, Private Bag X1, Queenswood, 0121 | |
| Idilesi yeposi yamaphepha kagqirha amayeza esiCwangciso 6/7) | Medipost, GEMS Chronic DSP, PO Box 14503, Hatfield, 0028 | |
| Iphepha likagqirha lamayeza liya kubhalwa | ngugqirha woThungelwano lukaGEMS kuphela | Akukho mmiselo nje ukuba ugqirha ubhalisile neBhunga leeNgcali zeZempilo loMzantsi Afrika |
| Idilesi yokuhambisa amayeza | Ngokwesivumelwano selungu neDSP | |
| Iintlawulo zokuncedisa: | | |
| Amayeza ezigulo ezondeleyo afunyenwe kwikhemesti yasekuhlaleni okanye engeyiyo iDSP | Ngendawo engeyoDSP intlawulo encedisayo eyi-30% yexabiso lebango. Akukho ntlawulo yokuncedisa ngamayeza lxhomekeke kwimigaqo yeLungiselelo nakwizithintelo zoxwebhu lwamayeza avunyiweyo | Ngendawo engeyoDSP intlawulo encedisayo eyi-30% yexabiso lebango. Kungafuneka intlawulo yokuncedisa ngamayeza lxhomekeke kuLuhlu lwaMaxabiso amaYeza (iMPL), kwizithintelo zoxwebhu lamayeza avunyiweyo nakwiMigaqo yeLungiselelo. |
| Amayeza ezigulo ezondeleyo afunyenwe kuMedipost | Akukho ntlawulo yokuncedisa ngamayeza lxhomekeke kwizithintelo zoxwebhu lwamayeza avunyiweyo nakwiMigaqo yeLungiselelo | Kungafuneka intlawulo yokuncedisa ngamayeza lxhomekeke kwizithintelo zoxwebhu lwamayeza avunyiweyo, kuLuhlu lwaMaxabiso amaYeza (iMPL), nakwimigaqo yeLungiselelo. |

# Isikhokelo Sokwalathisa Ngokukhawulezayo

| | | |
|---|---|---|
| Amayeza exeshana okanye okuzinyanga afunyenwe kuMedipost okanye kwikhemesti yasekuhlaleni | Akukho ntlawulo yokuncedisa ngamayeza Ixhomekeke kumaxwebhu amayeza avunyiweyo nakwiMigaqo yeLungiselelo | Kungafuneka intlawulo yokuncedisa ngamayeza Ixhomekeke kumaxwebhu amayeza avunyiweyo, kuLuhlu lwaMaxabiso amaYeza (iMPL), nakwiMigaqo yeLungiselelo. |
| Ixesha elithathwayo ukugqibezela: | | |
| Ugunyaziso lwamayeza ezigulo ezondeleyo nguMedscheme Health Risk Solutions | Ukuya kutsho kwiintsuku zomsebenzi ezintlanu, kuxhomekeke ekufunyanweni kwamaxwebhu afunekayo | |
| Ugunyaziso lwamayeza eHIV eyondeleyo ngu-AFA | Ukuya kutsho kwiintsuku zomsebenzi ezintlanu, kuxhomekeke ekufunyanweni kwamaxwebhu afunekayo | |
| Ukuhanjiswa kwamayeza ezigulo ezondeleyo | Kwiintsuku ezimbini zokufunyanwa kogunyaziso lwamayeza ezigulo ezondeleyo, iphepha likagqirha lamayeza elililo nelihambelana nalo, kunye nokuqinisekiswa kweenkcukacha zokuhambisa amayeza | |

U-GEMS lilungiselelo lezonyango elivalelekileyo kubasebenzi beeNkonzo zoLuntu kwaye libhaliswe njengelungiselelo lezonyango ngokwemimiselo ye-Medical Schemes Act 131 ka-1998 kwaye iphendula kuMgcini-zincwadi weBhunga lamaLungiselelo ezoNyango. U-GEMS ngumbutho osemthethweni olawulwa yiBhodi yabaPhathiswa ezimeleyo elungele nefanele ukuphatha imiba yeLungiselelo.

## Qhagamshelana nathi:

*Kwa-chronicdsp@gems.gov.za*
*Ngefowuni: ku-0860 00 4367*
*Ngefeksi: ku-0866 51 8009*

*Kwa-Medipost, GEMS Chronic DSP*
*Postnet Suite 43*
*Private Bag X1*
*Queenswood*
*0121*

**Ezinye iinkcukacha zoqhagamshelwano ezibalulekileyo zikaGEMS**

*Inombolo yonyango olungxamisekileyo: ku-0800 44 4367*
*Iziko lemiNxeba likaGEMS: ku-0860 00 4367*
*Ifeksi: ku-0861 00 4367*
*(ngawo onke amaxwebhu angengawo ezigulo ezondeleyo, umzekelo, iifomu zobulungu)*
*I-imeyile: enquiries@gems.gov.za*